

UDideka wayeyithanda
ibhokhwe yakhe, iinkukhu
ezimbini kunye nekati yakhe.
Wayekuthanda ukupha
iintaka zasendle ezithanda
ukuhlala naye, ukutya.

T4_1 Dina and her animals_big book_X.indd 1
2021/11/04 20:15



Ngenye imini uDideka wayedlala esikolweni. Wabona abantwana begibisela amahobe ayesebaleni lokudlala, ngamatye.



T4_1 Dina and her animals_big book_X.indd 2 2021/11/04 20:15



UDideka wabaleka waya kwabo bantwana. “Sanukuyenza loo nto!” wakhwaza. “Sanukuyenza loo nto! Niyawenzakalisa loo mahobe.”



T4_1 Dina and her animals_big book_X.indd 3 2021/11/04 20:15



“Owu, hayi,” watsho uDideka.
“La mahobe enzakele.”
Wawathatha wagoduka
nawo waze wawakhathalela.



T4_1 Dina and her animals_big book_X.indd 4 2021/11/04 20:15



UDideka wawagcina eshushu amahobe. Wayewapha ukutya kunye namanzi yonke imihla. Kungekudala, aphila aze alungela ukubhabha kwakhona.



T4_1 Dina and her animals_big book_X.indd 5 2021/11/04 20:15



Abahlobo bakaDideka babezingca ngaye. “Izilwanyana ngabahlobo bethu kwaye kufuneka ukuba sizikhathalele,” watsho uDideka.



T4_1 Dina and her animals_big book_X.indd 6 2021/11/04 20:15

